



Sikhwele ibhasi yesikolo saya kubona  
iifama ezikufuphi nesikolo sethu.




Siqale samisa kwifama yeveji.  
Sibone unofama ekhwele iteletele.  
Sibone amakhaphetshu aluhlaza,  
iitumato ezibomvu, iitapile ezimdaka  
ngebala, umbona omde namazele eswekile  
amade kakhulu.



Unofama usivise izele leswekile. Liswiti  
ngathi bubusi.  
Sibone nezityalo zoojongilanga esenza  
ngazo ioyile.



Saya nakwifama yeenkomo.  
Unofama uthengisela unosilarha  
iinkomo.



Sagqithela kwifama yobisi.  
Sabona unofama esenga iiinkomo.  
Ubisi uluthumela kwideri.  
Usibonise indlela yokwenza itshizi  
nebhotolo ngobisi.



Saya kwifama yeenkuku.  
Umfama wasibonisa izikhukukazi  
namantshontsho. Wasibonisa indlela  
aqokelela ngayo amaqanda aze  
awathengise esuphamakethi.




Endleleni ebuyayo samisa ukuze  
sithenge into etyiwayo. Kuqala satya  
iiswiti ezivela kwizele leswekile. Siphinde  
satya itshokholethi yobisi oluphuma  
kwiumazi zenkomo. Emva koko satya  
ukutya okuziinkozo okuphuma kwifama  
yemifuno.



Ngoku sibuyele esikolweni.  
Izisu zethu zithe mpu kwaye sidiniwe.





Namhlanje lusuku lomdlalo wethu wesoka.  
Ndiyathemba siza kuphumelela.



Jonga uRori, khangela uNomsa.  
Khangela indlela ababaleka kakhulu  
ngayo. Khangela indlela akhaba ngayo  
uRori!



Yhoo! Usizana olungu Peter!  
Ibhola imbethu kanobom empumlweni!  
Khangela, ulijaja ligazi! Ncedani!  
Ngubani oza kunceda uPeter?




Nanku uBongi esiza noPaul.  
Ngabancedi boNcedo Lokuqala besikolo.  
Banetasi enkulu yoNcedo Lokuqala.  
Banxiba iiglavu zabo.



“Hlala phantsi Peter. Sebenzisa le tshefu uze ucinezele impumlo uyivale ngayo,” utshilo uPaul. “Qethuka, intloko yakho ibheke ngemva,” utshilo uBongi.



Ungakhe ulinge uphathe igazi lomnye  
umntu. Kufuneka uxibe ii glavu ukuba  
ufuna ukunceda umntu owophayo.




Kulungile, umdlalo uyaqala kwakhona.  
Laduma, ingenile. Linqaku!  
Isikolo samabanga aphantsi iLesedi  
siphumelele. Yip-yip huree!

q

## Usuku lwemidlalo Iwezilwanyana



Namhlanje lusuku lwemidlalo Iwezilwanyana.



Ndiyakwazi ukutsiba.  
Ndingatsiba ndiye phezulu kakhulu.  
Wena?



Ndiyakwazi ukukhaba.  
Ndingakhaba ngamandla.  
Wena?




Ndiyakwazi ukuphosa.  
Ndingaphosela phezulu kakhulu.  
Wena?




Ndiyakwazi ukubamba.  
Ndingayibamba kakuhle le bhola ingawi.  
Wena?



Ndiyakwazi ukudada.  
Ndingadada ngokukhawuleza okukhulu.  
Wena?



Ndiyakwazi ukubaleka.  
Ndingabaleka ngamendu amakhulu.  
Wena?



Singaphumelela.  
Singabaphumeleleyo.  
Sonke siphumelele!

10

## Siyenza njani isaladi yeziqhamo

### Izithako



iorenji e - l



ipopo e - l



ipayina eli - l



ama - apile ama - 2

iihanana ezi - 2

### Izinto zokusebenza



imela



ibhodi yeplanga



isitya



isikhongozelo sokwenzela ijsi

# Indlela yokwenza

I



Kera ama-apile uze uwasike abe  
ngamaqhekeza.

2



Xobula iibhanana uze uziske.



3



Kera ipopo uze uyisike ibe  
ngamaqhekezana.



4



Xobula ipayina uze ulisike libe  
ngamaqhekezana.

5



Dibanisa zonke iziqhamo esityeni.

6



Cudisa iorenji iphume ijusi.

7



Galela iјusi phezu kwesaladi.

II

## Siyazoba



Uzoba ntoni?

Ndizoba umfanekiso wenqanawa endala.




**Uzoba ntoni uPeter?**

**UPeter uzoba itreyini eza kumsa  
eKapa.**



Uzoba ntoni uBongi?

Uzoba umfanekiso webhayisekile  
ayifumene ngosuku lwakhe lokuzalwa.



**Uzoba ntoni uMike?  
Uzoba umfanekiso wenqwelo yedonki  
emsa esikolweni.**



Uzoba ntoni uDavid?

Uzoba ihelikopta ebhabha phezu  
kwesikolo sakhe.



UAnn uzoba ijumbo jethi eza kumsa  
phesheya kweelwandle.



Ndizoba imoto yereyisisi enamendu  
amakhulu.

Injini yayo ithi vrumb vrum vrrrrruuum!



Ndizoba isiphekepheke esiza kundisa  
emajukujukwini.

Ndiza kubona iinkwenkwezi, inyanga  
neoplanethi.



Namhlanje lusuku lwam lokuzalwa.  
Unoposi undiphathelle isipho.  
Azi ukuba yintoni na?  
Enkosi Mnumzana Noposi.



UAnn uqhekezelwe.  
Kuze amapolisa ezokumnceda.  
Ndiyathemba aya kulibamba elo sela.




**UJabu ufumene ingozi.  
Abantu beparamediksi bamsa  
esibhedlele.**


**Ugqirha nonesi bamnceda uJabu.  
Kungekudala uJabu uza kuphila.**



Indlu yakuloLebo iyatsha.  
Abacimi-mlilo bafika ngetrakha enkulu  
ebomvu. Umlilo uza kucima kmsinya.



Inja kaJoseph iyagula.  
Uyise kugqirha wezilwanyana.  
Ndiyathemba injia iza kuphila msinya.



uSam uqaqanjelwa lizinyo.  
Uye kwidentisti.  
Ndiyathemba ukuba uSam uza  
kuncuma kwakhona.



UMapula ngnofama.  
Ulima iveji ukuze sitye.



UNkszn. Twala ngutishalakazi wethu.  
Usifundisa ukufunda nokubhala.  
Usifundisa ukupeyinta nokuzoba.  
Siyamthanda utitshalakazi wethu.